S.E.R.M.: *Imvo Zabantsundu* (24 September 1929), page 4

**The Right Rev. Wm. Mpamba**

*Kuba ngawe ndigila impi. 2 Sam* 22:30

Nkosi Mhleli, -

Ndikatazwe ngamacapaza awenziwe ngumfundisi u Y. Mbali kwi Blythswood Review ka Aug. malunga, nalomfundisi ngama lingasentla.

Kwiminyaka ekufupi kumashumi omane (40) eyadlulayo, ndandiyinkwenkwana ndifunda e Dikeni. Ngenye imini ndisahleli enkonzweni leya yabantsundu kwangena "umfana," wahlala ecaleni lam kwayo kwakuteta u mninimzi into ka Mzimba. Ute ekuteteni ndeva efika kumazwi awenjenje: "Maliti inxila lizeke kwa inxilakazi zokungabiko ukatazekayo, bafane abobantu bobabini." Ute xa atshoyo wavakala "umfana" ecaleni lam esiti tuzutuzu eyihleka lento; ute kuba nomshumayeli lento wayibandezela wayijoka, ndamqonda ukuba "umfana" uyazama ukuzibamba asikuko nokuba lenteto imbulele ngentsini. Ngelam icala asikuko ne kuba "umfana" lowo ndamkangela kakubi, ukuti kushunyayelwa i Lizwi kwi Ndlu Engcwele abe nento yokuhleka kulonto; (kambe Mhleli oko kwakungoko).

"Lomfana" waye sisiqingqana esinesibili esilingeneyo, igwangqana elinga bunobom kakulu, elide laqwela ngonwelana olu pume pezu kwe bunzi apa, ladala usiba ohitsolo, into lonto abezibulala ngayo amakwenkwe ne ntombi ukuyitanda. Kute emva koko ndambona futi "umfana" lo apa esinaleni, waye emhle kukanye, nokunxiba kwake ku ndilisekile, ebundwetyandwetyana, amehlo etshawuza enomlilo, ehlala epete isipa sencwadi. Kude kwati kupi ndamva eteta mhla kuko izinto ezitetwayo waquba nemitandazo, wenza ne ntshumayelo, watolikela nabafundisi abamhlope ezinkonzweni apa, hayi ngoku ndamxolela kwa kanye "umfana" lo kwesiya sono (?) sake sokuhleka enkonzweni.

Ute kanti umfana lo sisaza kwazana kakulu ekuhambeni kwe minyaka, kuba yati kanti ngulo Right Rev Win. Mpamba lowo ozakuba yi Nqanga ye Bantu Presbyterian Church kwa Somaseti, kuyo lenyanga, kuwo lomnyaka.

Ngezomini umfo ka Mpamba ube lugenqegenqe lomvangeli owaziwayo kuso sonke eso sitili se Dike; waye esafundela ubu fundisi oko. Bebesakuti xa baquba imvuselelo e Lovedale Station, apawuleke kakulu kwa banye, ade ange uyedwa, kutetwe ngemvuselelo zika Mpamba, adyuduze naye, ange uyababa pezu kwabantu apa bevaleleke kwizindlu

zamanqugwala bexinene shinyi, - apate kuzikulula izihlangu agqadaze ngenyawo. Etyalikeni (Native Church), kuko umhla awayeshumayela ngo Jona mhla wayibeta itafile ebiza u Jona, ndoyika ndati itafile izakwapuka. Ude wapuma e Dikeni ese yilo ngqadangqada, wahamba efakwa kwimizi nge mizi yesikolo, encedisa abafundisi abakulu. Kude kwati kupi, watunyelwa emntla we Transvali e Zoutpansberg, kwizwe elaqandulwa yinto ka Tyamzashe u Gwayi. Ifike yenzela u Tixo umsebenzi onge nganganto kwe zontlanga into ka Mpamba yaqandula ebunzimeni nase bumnyameni. Ngezimini seyingamazwekazi evangeli apo kwezondawo yayiqandula kuzo.

Ukupinda ukumbona selebuyile kulawo inazwe, andilibalanga uku coleka kwenteto; ukuzola kwe ntshumayelo; ngokutoba kwelizwi, - endade ndati “kwak! Ilizwi eli ngu mashini wokusila umntu!” Nyakenye besisemzin’ ake e Nqabara (Duff), e Dutywa, ndade mna ndamana ukupindapinda ukuya, kuba ndandinomkamo kuma Ndlambe Komkulu kwa Mbambonduna. Siyitete futi into yokuya kwake e Qwebeqwebe, (Main), apo wayetunyelwe kona, esoyika kuba nguwona mzi wakowabo kanye lowo eba Tenjini awaya kona noyise besuka kwa Gaga, e Dikeni.

Lenjombe ayihlonyiweyo namhla ngamakowabo wayeke wayiti tupa kum, eyoyika nayo esiti, “ayimfanele,” ndaye ndisiti mna ifanele yena kanye kwezi mini kukuzo.

Uxolo Mhleli ngesituba sezidwesha, ndilushiyile uninzi lwe nteto ngenxa yokoyikela londawo yezipakati zakowenu. Ndibulela i Bandla la Bantu ngokwazi kwalo ukumpatela u Tixo walo; kuba lomfo limcongileyo namhla nje, yindoda engcwele ka Tixo.

Sitabat’ eso Sihlalo,

Uyivelele lonkalo.

Ububang’ ubuzwe betu, -

Dun’ Elihle lakowetu,

Sikufanele kakuhle,

Nawe uzume kakuhle, -

Ngonisebenzi wako omhle,

Neminyaka yak’ emihle.

Asinamntu kwelikaya!
Udodana lwemk' ekaya.
Nalo kwantliziyo ndise!
Entla ko Ntombi zendise!

Nanz' intombi ezangcibeni!
Imfund' isezizibeni.
Imizi yashiywa mgama.
Ubuntu bafa negama!

Ngoko yima ngokwendoda,
Uti ngxi ngokwesibonda,
Ulitutuzel' i Bandla, -
Aba nawe u Somandla.

Amadoda ayagula,
Abafazi bayalila,
Kub' imiz' ingama nxowa,
Ibole ngokwama kowa.

Uz' uqond' andikabongi,
Nelixesh' andiliqondi;
Kodwa ke wen' uyinganga;
Iyangqina nalenyanga.

Zinjal' izinto Maduna,

Ongendawo uyavuna;

Umz’ ufun’ ukuwuqeda,

Kok’ u Tixo wasinceda.

Enkosi Bandla la Bantu,

Ngokwenz’ ilizwi labantu,

Lin^u Tix’ izwi labantu,

Kub’ u Tixo naye ngumntu.

Ngamana nacuma nanda;

Abemkayo nabanqanda;

Nazuza intsikelelo,

Zo Somandla, ngomelelo.

Nidi’ ilifa labemkayo;

Amadoda awafayo;

Lize kuni lihlohliwe,

Lihlungulwe, lipindiwe.